# Isizwe! Esingavaniyo! Nesingavelaniyo! Siyadwatywa Zezinye!!

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Vusa ! Inimba yakumakowenu
Y-kulo Ngubeno'uka kwez-kowenu
Utete ngelidala ng-lika Hintsa
Amagama enkosi ayandipazamisa.

Shu ! Hay' into imbi ukufa kwe Sizwe.
Obuz buzayo ubuza nto nina
Silublantlalala olungenabani
Into zokudwatywa zicangalaliswe.

Taru Afrika ! Mfi zival izina
Abantu bako ngumbl mb' onganandili
Obantu bangajonganiyo bebodwa
Ndalihamba Ilizwe ndingenanowadi.

Fela ndawonye vum' ingom' ibenye
Wena mpati wabantu bempalela
Abantu bako bayapuka zimpahla
Mondli ebulawa ngabakowabo. Taru !

Nkomo ezidla emideni ngo C'uku
Z za kuti gqi enkundleni ngo Mona
Gaga ahamba ! Uxelise idolopu
Lifa lako lotyiwa ngabentaba.

Mfondini wakowetu masikup' umona
Esihleli nawo tina magqob'oka
L-nto ingu mona igqiba Isizwe
Ihamb' isichita ngay' intlebeudwane.

Kwanokungevani kubangwa ngu mona
Kangela ke kade ndikuxelela
Utebo ! Ukumkani n Solomon
Umona udlale nelitye ngobunzima.

Liliahwa kona ukuba nomona
Sizwe ndini esiyi mp-mb- mpambe
Owakuni ngowakuni mhla kukubi
Vaka ! Uwa naye njengase Golgota,

Apo Imvana yayiswa Indzondzoteka
Ipapasha udaba lwase Zulwini
'Ze ngovelwano utwale Isitsaba
Pakati kwalemiganxanxa yelilizwe.

Sasaza ! Uvelwano nge Tempile
Ulwenze lwambate ubuq-q-uli
Sahluke pina tina ku Pilate.
Owakanyela Omnye kanti uyamazi.

Ungatandaza usunduze nentaba
Uvelwano lungeko akunto yanto
Ungafanelana unako nokwazi
Kulapo kanye wotshabalala kona.

Mahlungulu adlani kweziya Ntaba
Yiba novelwano kwanose mgodini
Ungati ngu Moeya ongangeni zembe
Abakwowenu bayapela zincuka.

Camagu !